

WOH 497

UKUKHUSELA ABANTWANA KWIMPATHO EMBI _ UHENDO

Ezobomi : Indlela yokukhusela abantwana kubenzi bobubi

Ezomphefumlo : Iigusha ezilahlekileyo – sukwenza umntwana okanye wena isiqu ukhubeke

Isihloko esiyintloko : Unxulumano / Ukuba kunye

Isihlokwana : Impatho Embi / Ubungonyama

Isiqulatho sezobomi : Indlela yokuxhasa umntwana ophetheke kakubi , uze umlungiselele ukuba akhuseleke.

Isiqulatho sezomphefumlo : Ukukhusela abantwana , nathi , ekuthatheni indlela egwenxa ebomini apha.

Isalathiso : uMateyu 18

Ingongoma Sifundo : UThixo akafuni mntu ulahlekayo okanye athathe indlela engeyiyo.

THEMBELIHLE : Bendifunda iphephandaba ulindixesha apho ndifumene khona le ncwadi...Kazi ungaphendula uthini kulo mama. Ubhale wathi . ‘Ndididekile , ndikwaxakanisekile , ndinomsindo. Besigodukile siye kwitheko elalini yethu . Ekubuyeni kwethu , intombi yam indixelele ukuba umalume wayo ukhe wazama ukumbambabamba ngenjongo yokumenzakalisa. Ineminyaka emithandathu kuphela le ntombazanana , ukusukela ngoko, ithanda ukuthula kodwa ngamanye amaxesha uyakhala abe nomsindo ngezinto nje ezincinane. Ndenze ntoni ? Ndinganceda njani ?’

THANDOKAZI : Molo mphulaphuli, Siyathemba uza konwabela ukuba nathi namhlanje kwinkqubo iAmanenekazi eThemba . NdinguThandokazi.

THEMBELIHLE : Molo ndingu Thembelihle , ndikunye noBongeka , umcebisi wethu Ndiza kumbuza ukuba ebengenza njani xa ibingumama wala ntombazanana eyaphathwa kakubi sisizalwane

BONGEKA : Molo , kumnandi ukuba nawe namhlanje mphulaphuli. Ibuhlungu le ncwadi yalo mama , akunjalo ?Abantwana abaninzi baphathwa kakubi ngokususa ubunyulu babo ngolunya , yaye indicaphukisa kanjani loo nto , noThixo iyamkhuba. Umntwana ngamnye udinga ukukhuselwa kulo mnqa. Makhe sithethe ngendlela umama angamnceda ngayo umntwana wakhe othe watshutshiseka ngolu hlobo, ndiza kuchaphazela nakumba wokukhusela abantwana bethu nokuba bona bangazihlanganisela njani na.

THEMBELIHLE : Ingayinto elungileyo leyo. Kungcono ukuyiphelisa kube kanye umphelo.!

BONGEKA : Ndiyaqonda ukuba lo mama uva ubuhlungu obungenambaliso. Kakade ufanel'ukuba nomsindo , kwaye mhlawumbi uyazigxeka ngokungabi nakumnqandela umntwana wakhe omncinane kangaka.

THANDOKAZI : Ilungu losapho lenze oku kungcola , uzibona nje ngomntu oncetheziweyo nowoyika ukwenza nje ngokuba kwenziwe kuye kwabanye bosapho. Ukuba uyaxela , kungabakho ingxabano elusatsheni . Usengxingweni nyhani yena.

BONGEKA : Lo mama ndingamxelela ukuba uqhuba kakuhle kuba naku nomntwana wakhe eye wakufumana kukhuselekile ukumxelela into efihlwayo kumakhaya amaninzi. Kunqabile ukuba umntwana owehlelwe leli shwangusha , abe nesibindi sokuxela kuba kaloku umenzi wobubi sukuba emsongele ngelithi uya kuba sengxakini ukuba ukhe wayithi vu . Nomama ke , ulikholelwe ibali lomntwana –futhi ke kubalulekile ukukholelwa kukamama.

Umntwana makazi ukuba ayiyompazamo yakhe emzisele ukuphathwa kwakhe kakubi, koko ngumsebenzi wabantu abadala ukuphatha abantwana ngendlela eyiyo. Lo mntu ebelilungu elithenjiweyo losapho. Uncetheze intombazanana nosapho nje lonke. Wena ke mama , xelela intombazana yakho ukuba ibiyinto engalungileyo ukuba umalume wayo amphathaphathe ngohlobo olungcolileyo. Kufuneka intombi yakho ikuve ngaphakathi kuyo ukuba wena nje ngomzalikazi umkhusele. Mxelele nokuba awusoze uphinde umshiye nomalume yedwa naninina . Kodwa zama ukuhlisa umoya ungabaxi umsindo wakho phambi komntwana okanye loo nto ingamenza acinge ukuba usapho luyalwa.

Kungenzeka ukuba umntwana wenzakalisiwe kwiindawo zakhe zangasese – xa esiva kubuhlungu kuzo , okanye esopha kuzo , okanye enosuleleko, mse kugqirha okanye kwiziko lempilo. Usenokuba udinga amachiza.

THANDOKAZI : Ungajongana na nomalume lo , ubuso ngobuso ? Ukuba uyakhanyela ukuba uye wamphathaphatha umntwana wakho , ungathini ?

KHANYISA : Le nyewe iba nabo ubunzima. Ndingaxelela umyeni wam kuqala, ndimxelele ukuba ahambe nam ukuya kuxelele le ndoda ukuba umntwana uthini ngayo. Abantwana abancinane abadli ngakuyila amabali anje ngeli kuba asiyonto ababanolwazi ngayo le. Ungakwazi ukumsola xa ubona indlela akuphendula ngayo.

Yintoni enye onokuyenza ? Ngaba uyayazi imigaqo nemithetho ekulandelwa yona kwindawo ohlala kuyo ? Kwamanye amazwe , kufuneka uxelele amapolisa , aze ke wona azame ukufumanisa inyaniso . Uluntu endaweni luyicombulula njani imibandela enje ngalo wakho ? Kungosizi ukuqaphela ukuba lo mba uyafihlwa rhoqo aze yena umenzi wobubi asinde , imenze loo nto angayeki ukulimaza amantombazana kuba umkhwa wakhe awukhuzwa mntu. Kuphathisa iintloni kumaxhoba ukwazisa amapolisa , kodwa eyona nto ibalulekileyo kukuqinisekisa ukuba abantwana bakho , bakhuselekile .

THEMBELIHLE : Ukuba umntwana wam wenzakalisiwe , ndingaxelela ilungu ngalinye losapho ngalo mhlola , ukuba bahlale besazi ukuba ikhona ingozi phakathi kwekhaya. Kungcono ukuzifaka engxakini yokutyhola umntu ngento asolwa kuyo ngumntwana kunokuba kube kho abaninzi abantwana abaphathwa kakubi ngumntu ongafunanga kumxela , uvile phofu ukuba wenze ukungcola kowakho umntwana.

KHANYISA : Ukuphatheka kakubi ngezokhuko kungathetha izinto eziliqela. Isenokuba kukuphathaphatha ngendlela enobuzaza okanye wenze umntwana akubambe kwindawo zakho zangasese, okanye ubonise umntwana imifanekiso ebonakalisa ukungcola okanye wena mntu ophatha kakubi uthethe amazwi amabi angcolileyo. Impatho embi kukunika ubunjovane lowo unamandla kunawe ngexesha. Abakhathali nokuba bayamoyikisa okanye bayamonzakalisa Abantwana bayatshintsha indlela abaziphatha ngayo xa bekhe baphathwa kakubi. Ngamanye amaxesha benza ngathi bancinane kuneminyaka yabo , baphulukwe ngumntso okanye bazithume xa belele , okanye babenkenekene okanye basoloko bezenzakalisa nje. Ngamanye amaxesha bade batye kakhulu, okanye babe ngcathu , bonqene ukutya kwaphela. Bakhe bavuke nje ezinzulwini zobusuku okanye bangabi nabuthongo kwaphela. Maxa wambi baba nomsindo kakhulu , okanye baqale boyike baze bathande ukurhoxa bangasoloko besebantwini. Umsebenzi wabo wesikolo nawo uyasilela. Umntwana wohlukile komnye, kodwa kuba khona utshintsho. Abazali bayabongozwa ukuba babonakalise uthando nokuqonda , baphume endleleni , besenza unako nako wokubonakalisa emntwaneni ukuba ubalulekile , bayamthanda kwaye ukhuselekile. Ithatha ixesha yonke le nquleqhu , yiba nomonde. Ukuba le mizamo ayeneli , funa umcebisi okanye omnye umntu omdala onokumceda umntwana abe nokuthetha ngendlela aziva ngayo azokwazi ukuzifumana ekhuselekile.

UMCULO

THEMBELIHLE : Ukwinkqubo iAmanenekazi eThemba. UKhanyisa uthethe kakhulu ngendlela esinokunceda ngayo umntwana ukhe waphathwa kakubi. Ngoku masincokole ngendlela yokumkhusela angabi saphathwa kakubi. Kufuneka uqonde ukuba ukuphathwa kakubi ngokokhuko kwenzeka kuzo zonke iindawo ekuhlala kuzo abantu , naselusatsheni , kufuneka ulumke ungafane umshiye umntwana wakho nomntu omdala , ngaphandle kwaxa umthembe nyhani. Noko kunjalo , asikwazi ukusoloko sikunye nabantwana bethu , kwaye asinandlela yokwazi lonke ixesha ukuba ngubani othembekileyo nokhuselekileyo , ke senza njani ukulungisa abantwana bakwazi ukuzikhusela ?

KHANYISA : Khumbula , ukuba oyena mntu onobungozi ngulo bamaziyo abantwana. Umntu ofuna ukuphatha kakubi abantwana ukhangela lo kanye umthembileyo , nakwaziyo ukummngqangaza athule ngento eyenziwe kuye .Umntwana ozaziyo nobonayo into xa ilungile okanye igwenxa , akafane akhethwe ngumenzi wobubi.

THEMBELIHLE : Kodwa abanye abantwana baneentloni kwaye bamathile – singabanceda njani ke bona?

KHANYISA : Kubalulekile ukubakhulisa kwicala lokuzithemba. Mphulaphule umntwana wakho othuleyo lonke ixesha xa kukho into akubalisela yona. Mnike ixesha athethe ngokukhululekileyo, umamelisise xa ekuxelela ngezinto ezimphazamisayo okanye ezimhluphayo. Abenzi bobubi bakhetha abantwana abafuna umntu onokubaqaphela, oba nezinto ezintle azithethayo ngabo , nabamthandayo. Ungakhulisa ukuzithemba emntwaneni ngokumncoma. Mnike ithuba lokuzigxama enze izinto ezintsha kuye, umkhuthaze ngokuthetha ngendlela eyakhayo. Ukuba uphatha umntwana ngothando nentlonipho , uyakuqonda ukuba ungumntu onelungelo lokuthandwa ahlonelwe, ngolo hlobo angomelezeka azithembe ngaphakathi. Sisoloko sixelela abantwana ukuba bahlonele abantu abadala , kodwa kubalulekile nokubaxelela nokuba xa kwenzeke okuthile kubo abacinga ukuba akulunganga , bangathi hayi , kwaye bangakuxelela wena , mzali ,ngento elolo hlobo.

Abazali kufuneka bancokole ngezinto ezinxulumene nesini , nje ngokulalana. Ndinga ukuba eyona ndlela kuphendula yonke imibuzo ebuzwayo ngumntwana , ngendlela ecacileyo kuye , ukuze baye beqondisisa nje ngokuba bekhula nje , Umntwana kufuneka awazi ngokupheleleyo umzimba wakhe nokuba iintsana zenzeka njani , phambi kokuba bafikise.

THANDOKAZI : Ukuqonda umzimba ayikokuphela kwento engundoqo , anditsho ? Kufanele ukuba bazi okugwenxa nempatho egadalala ngokubuhlungu.

KHANYISA : Singachaza emntwaneni wethu umzimba wakhe udalwe nguThixo , kwaye indawo okanye ilungu ngalinye lilungile kodwa amanye amalungu omzimba ngawangasese , akufanelekanga ukuba aphathwe okanye ajongwe ngomnye umntu bade bakhule batshate.

THEMBELIHLE : Ndiyayithanda indlela oyibeka ngayo le mfundiso – kulungile kodwa kokwangasese. Zeziphi iindawo zomzimba obhekisa kuzo xa usithi zezangasese ? Kuya ngokuba uvela kweyiphi na inkcubeko , umzekelo abantu abantsundu bayawufihla umzimba wangezantsi , sukuba sithetha ngala esivasithelisa ngempahla enxitywa ngaphantsi (esiwasebenzisa xa sintsonsa okanye sizikhulula ngolunye uhlobo)

KHANYISA : Ewe , ubachazele nokuba linye kuphela ixesha umntwana amakayeke aphathwe kwezi ndawo , kuxa edinga uncedo – nje ngaxa ekwindlu yangasese , nakwagqirha apho ke kulindeleke bahambe nelungu losapho.

Kufuneka ubafundise abantwana amagama okwenyani ala malungu omzimba angasese . Loo nto ingenza kube lula kubazali ukuqiniseka ukuba ngumcimbi onjani osetafileni, xa abantwana bebiza ngegama indawo echukunyiswe ngumenzi wobubi.

Xelela umntwana wakho ukuba xa umntu omdala emcela ukuba amphathe ngohlobo oluphazamisayo , olungavumelekanga, okanye xa umntu omdala ephatha yena , mntwana kwiindawo zakhe zangasese , makabaleke , okanye amemeze, akuchazele nawe mzali xa yenzekile le nto kuye. Akukhathaliseki nokuba ngubani na lo mntu mdala , okanye uthini na, umntwana makaxelele umama okanye utata ekhaya okanye omnye umntu omdala amthembileyo. Baxelele ngokunjalo ukuba abangekhe babe sengxakini , kodwa uya kuziqhenya ngabo ubancede .

THANDOKAZI : Ukuba asifuni abantwana bethu boyike wonke umntu omdala . Sinokucacisa ukuba uninzi lwabantu abadala banobubele kwaye bangabanceda , kodwa bamele bazazi ezi zinto hleze bazibone bejongene nazo bengalindelanga. Sifuna bazi ukuba babalulekile , kwaye baxabisekile futhi. Kufuneka sibakhuthaze abantwana bethu ukuba bathethe xa kukho abakuvayo ngaphakathi kubo. Ukuba wena nomntwana wakho niyathetha ngento yonke , kwaye bayazi ukuba bangakuxelela nantoni na , bangancedeka ukuba bazithembe.

KHANYISA : Ewe , bazithembe ngokokude bakwazi ukuthi hayi kwinto embi nengalungileyo kubo. Sifuna bakhule bomelezekile ekukwazini ukwenza izigqibo eziqotho, akunjalo?

INGOMA

THEMBELIHLE : Molo kwakhona. Sithethe sophela ngomba wokukhusela abantwana kwimpatho embi. Ngumbandela onzima , anditsho, kodwa thina manina kufanele sicinge ngawo.

KHANYISA : Uyazi , okuya uYesu wayephila emhlabeni kudala dala , wayenamazwi anzima awabhekisa kubantu abenzakalisa abantwana. Namhlanje ndingathanda ukuthetha nani ngeemfundiso zikaYesu ezithile malunga nabantwana. Masifunde iLizwi likaThixo , (ku Mateyu 18)

UMCULO

KHANYISA : uYesu wayethetha nabalandeli bakhe ngenye imini , baza bambuza ukuba ‘Ngubani na omkhulu ebukumkanini bukaThixo ? ’UYesu wabizela umntwana omncinane kwisangqa sabo . Wathi ‘Nabani na ozithobileyo onokholo olulula olungaxutywanga nje ngalo mntwana , nguye ke omkhulu kubukumkani bukaThixo. Nabani na owamkela umntwana omncinane nje ngalo egameni lam , wamkela mna. Kodwa ukuba ubenzela nzima , uyabaqhatha , ubakhokelela ezindleleni ezingalungileyo apha ebomini – kungangcono ube kanti ujulwe elwandle kujijelwe entanyeni yakho ilityekazi likucinezele ude uzike ! Ihlabathi lakugwetywa ngokwenza ingxaki kumakholwa anje kum. Amaxesha anzima aqinisekile ngokuza , kodwa uyakusukuza ukuba ubenzela mandundu izinto. ‘

UMCULO

KHANYISA : UYesu ufuna samkele size sikhathalele abantwana , sibenzele ngcono ubomi ngokwenza izinto kakuhle bakhule besazi kwaye besenza izinto ngendlela elungileyo , efanelekileyo.

THANDOKAZI : Ibingamazwi angqwabalala la okuba umntu ajulwe enzonzobileni yolwandle enilityekazi entanyeni. Ithuba lesibini ubungelifumani kule meko tu . Ndiyacinga

uYesu ebechaza ukuthi le meko sisono esikhulu emehlweni kaThixo , ukubeka umntwana onyulu nonentembeko endleleni engeyiyo ebomini apha. Ubona ngathi ndingayenza njani loo nkohlakalo ?

THEMBELIHLE : Ukuba sinika umzekelo ombi , sibonisa abantwana indlela egwenxa yokuphila . Ukuba sibaxelela ubuxoki , okanye sinobungonyama okanye sinyolukile , bayakucinga ukuba ezo zinto zilungile , baze bazilinganise. Abantwana bafunda kakhulu ngobomi ngokulinganisa izinto ezenziwa ekhaya.

KHANYISA : Yho ngumsebenzi omkhulu ke lo osemagxeni omzali , akunjalo ? Bonisa umntwana wakho indlela elungileyo yokuphila, uya kusoloko eyikhumbula . Singabakhuthaza njalo , xa sibancoma xa besenza izinto ngendlela eyiyo.

Abanye abantu abadala benza izinto ngokubaxekileyo . Bafundisa abantwana ukuba bahlasele abanye , okanye babe okanye benze nje ezinye izinto ezimbi. Abantu bayakwazi ukufundisa abantwana inkolo ezigwenxa. Umzekelo , abantwana ngokwendalo babamkela lula abanye balo naluphi na uhlanga , kodwa bona abantu abadala babafundisa ukucaphukela okanye ukoyika amanye amaqela eentlanga okanye amazwe , kwaye loo nto ibabeka kwindlela engalunganga futhi.

THEMBELIHLE : Okanye singabahenda , ngokushiya izinto abanokuziba zithe saa .

THANDOKAZI : Okanye banikwe utywala ukuba babusele. Ndibabonile abantu abahambisa iziyobisi kufutshane nezikolo , benikela ngazo ebantwaneni ukuze baziqhele , barhurhe zizo , benze nantoni na ethethwa ngabathengisi bazo. Ngaba ayikhohlakalanga bethu le nto ? Ingabulala ubomi babantwana. Kanti abanye banyanzelisa ulutsha kuhenyuzo , babulale impilo yalo ngaloo ndlela.

KHANYISA : Ewe , zonke ezi zinto zimasikizi. Kwaye uYesu wathi , abantu abenza ezi zinto bayakohlwaywa. Ukuba isandla okanye unyawo lwakho luma endleleni yokulandela uThixo , kungcono uluqhawule kube kanye ... Ukuba amehlo akho akwenza wone , kungcono uwaxhokonxe angaboni .

Ngoku uthetha ngokuzikhusela ekubeni uhendeke kwinto yokuzifumana usenza isono. Ucinga ukuba ufuna nyhani ukuba sinqumle izandla neenyawo zethu , sikrolonce namehlo ethu kuba sibaleka isono?

THANDOKAZI : Hayi andicingi njalo , okanye ngesingenazandla sonke. UYesu wayethanda ukuthetha ngale ndlela ingqwabalala , iqheleqhele, akunjalo ? Ndingcinga ukuba uthetha ukuba masenze konke esinako ukubaleka kwiimeko ezinokukhokelela esonweni nakude kuThixo.

KHANYISA : Zinto zini ezikuhendayo ? Ngaba butywala - sukubugcina endlwini yakho , sukuya kwindawo ebuthengisayo ngaphandle kokuba ukhona onokukomeleza, sukuya kwindawo yokusela.

THEMBELIHLE : Mhlawumbi ukuba uhlala uchitha imali ngokungakhathali , okanye ngokungcakaza , ungacela umyeni okanye unkosikazi wakho ayivalele imali , ukuze kusale le uyidingayo kuphela engxoweni yakho , angekhe uyimoshe imali yakho xa usenza njalo.

KHANYISA : Ndiyabona ukuba usingisele phi – nokuba ubuthathaka bethu bundawoni , kufanele sibuvume kuThixo nakuthi , ukuze sizigcine kwindawo ekhuselekileyo kuhendo. Yintoni ekuhenda kakhulu ? Kubalulekile ukuvuma ukuba ‘ ndinengxaki ekukusela utywala , ubusela , ukuhleba, nokuba yintoni na enye. Ndinga ukuba kuluncedo ukuxelela umntu esimthembayo ngobuthathaka bethu , nokuzimisela ukubazisa xa siphinde sayenza into leyo esizama ukuyiyeka. Banokunceda ngokusomeleza rhoqo. Sinokuzama kungabi lula ukwenza okungalunganga. Kwizibhalo kuthiwa”**Ize ukwazalelela inyama ningakwenzeli ukukhwezelela iinkanuko zayo “ (kwabaseRoma 13 : 14)** Zimisele ukwenza okulungileyo.

INGOMA

KHANYISA : Apha kwinkqubo iAmanenekazi eThemba besisiva ngendlela uYesu wayefundisa ngayo ukukhusela abantwana , nathi , ekubeni sihambe ngendlela egwenxa ebomini. Waza uYesu wancokola ngebali elifutshane. Masilimamele ke.

UMCULO

Ucinga ntoni ? Ukuba indoda ineequsha ezilikhulu, ize enye iduke , ngaba umninizo akangezishiyi ezingama99 aye kukhangela le inye idukileyo ? Ukuba uyayifumana , uyavuya na ngokuyifumana le inye kunokuba abe nezingama99 ezingakhange zimnike ngxaki. Ngohlobo olufanayo ke , uBawo wethu osezulwini akafuni namnye kubantwana abancinane alahleke.

UMCULO

Kuloo mihla iigusha ezilikhulu zazininzi. Kodwa igusha nganye yayibalulekile kumalusi wazo, kwaye wayezazi zonke ngazinye. Kwakuqhelekile ukuba umalusi aziphe amagama iigusha azalusayo kwaye zazilazi ilizwi lakhe (uYohane 10 : 3) Ukuba enye nje kuzo ithe yaphum’endleleni yada yalahleka, ebengaphumli umalusi de ayifumane . Kwakutheni ukuze uYesu abalise eli bali ?

THANDOKAZI : Ndinga ukuba wayefuna abalandeli bakhe baqonde ukubaluleka komntu ngamnye kuThixo. Ndiyaqaphela ukuba uYesu umbiza uThixo ‘**uBawo wakho osezulwini** ‘ Xa simfulathela uThixo akufani ngathi singusomabhizinisi olahlekelwa yindyebo yakhe , kuba nje ngotata olahlekelwa ngumntwana wakhe. UThixo ukhathalele umntu nomntu , ngakumbi umntwana nomntwana. Akafuni nanini ukusilimaza , okanye sikhokelelwe endleleni engalunganga , okanye sibe kude naye. Ukuba ufana nale gusha ilahlekileyo , khumbula ukuba uThixo uyakubiza , nawe ungakhalela kuye akusindise.

KHANYISA : UYesu wayefana nala malusi – wakha wazibiza ngokuba ungumalusi olungileyo , andithi? (uYohane 10 : 14) Wathi , weza emhlabeni esuka emazulwini ukukhangela aze asindise abalahlekileyo (uLuka 19: 10) Wada wanikela ngobomi bakhe ukuze wena nam sisindiswe. Ukuthanda kakhulu , uxabiseke kakhulu kuye , kwaye ufuna ukuba umazi ukuze ube yinxenye yosapho lwakhe ngonaphakade.

THEMBELIHLE : Ndiyathemba ukuba sifunde ngakumbi namhlanje ngendlela yokukhusela abantwana bethu – kubantu abangcolileyo , ewe , kodwa ngokunjalo nendlela yokubakhusela kubungozi obusemphefumleni. Ndiyathemba ukuba uyazi ukuba ungumntwana kaThixo oxabisekileyo ibe ufuna ukukugcina ukhuselekile. Sala ngoxolo mhlobo.

KHANYISA : Nam ndithi sala kakuhle , uThixo akubabale. Sibhalele ke kodwa.

BONKE : Ziyolise ngoYehova